Isalathiso: 20170705-2654
13/2/2/2/25
Imibuzo: GH Foster

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loVavanyo: 0011/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam; kuBaphathi beeSekethe; kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo; kuBacebisi beZifundo nakwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abaviwa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

ISihloko: Ukulawulwa koMsebenzi woVavanyo okuMgangatho oFanayo (*Common Assessment Task*) (*CAT*)) kwisifundo soLwazi ngezoBomi (*Life Orientation (LO)*) kwiBakala 12 ngo-2017

1. IMimise-LO i-*Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination* eyapapashwa kwiGazethi No. 37651 yange-16 Meyi 2014, icacisa imigaqo yamanqaku okupasa okugqibela kwiSifundo se-*LO* ngokusekelwe kuvavanyo lwangaphakathi, nemasimodareyithwe ngaphandle, kwakunye noMsebenzi woVavanyo okuMgangatho oFanayo *(Common Assessment Task) (CAT)* nosetwa yaye umodareyithwe ngaphandle.

2. Injongo yale ngcaciso imfutshane kukwazisa izikolo ngenkqubo emayilandelwe kulawulo lwe-*CAT* yeSifundo se-*LO* ngo-2017.

3. **Ukubhalwa kwe-*CAT* yeSifundo se-*LO***

3.1 I-*CAT* yeSifundo se-*LO* yenza inxalenye yamanqaku okupasa okugqibela kwiBakala 12 yaye ke ngoko mabayibhalwe ngabo bonke abafundi beBakala 12.

3.2 Umhla wokubhalwa kwe-*CAT* yeSifundo se-*LO* **ngowe-08 Septemba 2017**, ukususela ngo-**09:00 ukuya ku-11:00**. Nakuphi na ukushenxa kulo mhla neli xesha, kuya kuthathwa njengesitenxo esixhomisa amehlo.

3.3 I-*CAT* yeSifundo se-*LO* iya kuba nephepha eliziiyure ezimbini (2) elinamanqaku ayi-80. Iya kuthatha indawo yoMsebenzi 4 kwiKota 3 yaye iya kwenza i-20% yamanqaku okuphela konyaka *(final mark)* eSifundo se- *LO*.

3.4 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i*WCED*) liya kuprinta amaphepha emibuzo e-*CAT* yeSifundo se-*LO* abo bonke abafundi beBakala 12 kwiphondo ngokwedatha yobhaliso yokugqibela (*final registration data*) echazwe kwi-*Centralised Education Management Information System* (*CEMIS*) lize liwase kuzo zonke izikolo ezifundisa iSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*National Senior Certificate (NSC*)).

3.5 Zakuwafumana iinqununu amaphepha emibuzo, mazithwale uxanduva ngokupheleleyo njengabagadi babaviwa abaziintloko ukuqinisekisa ukuba iyalandelwa ngqo yonke imiqathango nemigaqo emalunga neemviwo ze-*NSC*.

3.6 Iinqununu maziyivule imvulophu ngomhla woviwo kukho nabafundi zize zikubeke esweni ukuhanjiswa kwamaphepha emibuzo.

3.7 Iinqununu maziqinisekise ukuba abagadi babaviwa bahlala bebagadile abaviwa ngeliso elibukhali lo gama bebhala i-*CAT* yeSifundo se-*LO*.

3.8 Emva kokubhalwa kwe-*CAT ye-LO*, amaphepha eempendulo makafakwe etywiniweyo kwisingxobo (*bag)* ekubonelelwe ngaso aze agcinwe kwigumbi elinqatyisiweyo lesikolo kude kuqaliswe inkqubo yokumakishwa kwawo.

4. **Iingxoxo ngesikhokelo sokumakisha**

4.1 Iintlanganiso zeengxoxo ngesikhokelo sokumakisha sikazwelonke okanye esephondo, ziya kuqhubeka ukususela kwi-13 ukuya kwi-20 Septemba 2017.

4.2 Isikhokelo sokumakisha sokugqibela *(final marking guideline*) siya kunikwa izikolo ungadlulanga owe-21 Septemba 2017, kodwa iincwadi zeempendulo zinokukhutshwa kuphela kwigumbi elinqatyisiweyo ngosuku ekuqalwa ngalo ukumakishwa kwazo.

5. **Ukumakishwa kwe-*CAT* yeSifundo se-*LO***

5.1 Ukumakishwa kwe-*CAT ye-LO* kumele ukuqhutyelwa esikolweni phantsi kweliso lenqununu notitshala oneqhuzu okanye neNtloko yeSifundo ebambeleyo (*HoD*) njengemodareyitha yangaphakathi.

5.2 Inkqubo yokumakisha imele ukuqala nge-22 Septemba 2017 yaye mayigqitywe ungadlulanga owe-29 Septemba 2017.

5.3 Apho kukho ngaphezu kotitshala omnye weSifundo se-*LO* esikolweni, iinqununu zimele ukuqinisekisa ukuba ootitshala abazimakishi iincwadi zeempendulo zabafundi bazo.

6. **Ukumodareyithwa kobungqina babafundi**

6.1 Ubuncinane yi-10% yeencwadi zeempendulo ezimakishiweyo ezimele ukumodareyithwa ngutitshala oneqhuzu okanye yiNtloko yeSifundo (*HoD*).

6.2 Umcebisi wesifundo se-*LO* makamodareyithe isampula yeencwadi zeempendulo zezikolo ezikhethiweyo.

6.3 Ukumodareyithwa kwe-*CAT* yeSifundo se-*LO* kwiphondo nakuzwelonke kuya kuqhubeka ukususela ngowe-02 ukuya kowe-04 Oktobha 2017.

7. **Ukufakwa kwamanqaku e-*CAT* yeSifundo se-*LO***

7.1 Imakhishithi ekhethekileyo (*special mark sheet*) iya kunikwa izikolo ukwenzela ukufakwa kwamanqaku (*recording of marks*) e-*CAT* ye-*LO*. Le makhishithi iya kuba **yeyongezelelweyo (*additional)*** kwimakhishithi eqhelekileyo ekhutshelwa iSifundo se-*LO*.

7.2 Imakhishithi ye-*CAT ye-LO* (*CAT mark sheet)* mayithunyelwe kwiSebe i-*WCED* kunye nezinye iimakhishithi zovavanyo oluqhubekela esikolweni (*school based assessment mark sheets*).

8. Ziyacelwa iinqununu zenze amalungiselelo ayimfuneko okubhalwa kolu vavanyo.

9. Kucelwa wazise ngale ngcaciso kubo bonke ootitshala nabafundi beBakala 12 beSifundo se-*LO* ukuze bayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU- PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2017-07-25